higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

(Iphepha Lokuqala)

NQF LEVEL 4

(4101244)

15 Novemba 2018 (X-Paper)
09:00–12:00

Olu viwo lunamaphepha ali-15.

NCV

IXESHA: 3 IIYURE
AMANQAKU: 180

IMIYALELO NEMIQATHANGO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMAHLANU.

ICANDELO A:Uvavanyo Lokuqonda	(50)
ICANDELO B: Ushwankathelo	(20)
ICANDELO C:Okubonwayo	(20)
ICANDELO D:Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(20)
ICANDELO E:Ulwimi olusetyenziswa kunxibelelano	(70)

2. Phendula yonke imibuzo.

3. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

4. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kweli phepha.

5. Qwalasela ixesha ekuphenduleni imibuzo.

6. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ANDINAMAMA UNJE MNA

Esi sihelegu sehla pha kula lali yaseMponzo ekwisithili saseCacadu. Xhegokazi lithile laliphila kukuthengisa icuba lesiXhosa elalililima kwindawo enomthonyama emazantsi othango lomzi. Oonyana balo babetshiphile laze lasala nabantwana ababini bokugqibela, inkwenkwe enguZenzele nentombazana enguNolitha. Kuthe kuba intliziyo ingaphezi ukunqwena nokuba awunazo iintsiba, naye lo mama ngokubona abanye abahlolokazi befundisa abantwana babo wazeka mzekweni. Wawa evuka etyhala intombazana le kuba yona yayisele isenza ibanga lesixhenxe kwalapho elalini. Akuphumelela uNolitha waya kufunda ibanga lesibhozo kwisinala esikufuphi iNonkululeko. Waqalisa mpela ke ngoku ukuthengisa ngenyani icuba lakhe ukuze akwazi ukutyisa umntwana wakhe kuloo mzi wayemcelele kuwo indawo yokuxhwarha.

Ngenye imini waxhela ihagu uNosingili esenzela ukuba athengise ukuze azifumanele ubutikana. Waqonda ukuba makathathe izijungqe zibe zithathu zomqolo, neeponti ezimbini ase entombini yakhe esinaleni, ukuze intombi yakhe ingeva ngembali ukuba bekuxheliwe kokwayo. Iiponti ezimbini wayesenzela ukuba ikwazi ukuzithengela isepha.

Wavuka kwakusasa ngale mini kuba ilali le wayesiya kuyo yayithe qelele. Nanko ehamba echabasa ehlatywa yinkunzane kwezo nyawo zichachambileyo ngamasentse, yabe ingca ingayekanga ukuzixhaphazela kwezo ndonga zamasa. Ude waya kufika kuloo ngxukuma yesinala yakwaNonkululeko. Ufumene wema esangweni exakiwe ukuba uza kungena kweliphi icala. Nako kusiza kuye umfo othe qhiwu isigqgqana sentonga. 'Ufuna ntoni mfana? Ubuzile uNosingili'. 'Ndingumantshingilane mama, thetha wena into oyifunayo', uphendule watsho umantshingilane. 'Ndifuna uNolitha Goqo mntwana wam, ndimphathele ilungwana kulaa hagu bendiyixhelile, kwaye ndifuna ukumpha itikana ukuze akwazi ukuzithengela isepha. Ngoku ke andifuni itiki ibonwe ngulaa mfazi kuba angasuka ayithathele kuye'. Utshilo uNosingili. Ungumama wakhe wena? Ubuzile umantshingilane. 'Ewe ndinguye mbize, 'waphendula uNosingili.

Akubanga mzuzu wabuya nayo intwazana umantshingilane eyithe chu ngengalo, ehamba eyincokolisa. Uthe akuthi mandla ngonina uNolitha wasitsho esofelweyo. Wothuka umantshingilane seso sikhalo salo mntwana. 'Tat'umantshingilane undisaphi, ungathini ukundibiza ngathi undibizela umama kanti uthetha ubuxoki? Andinamama unje mna, umama akabhinqi majikolo, asingomama wam lo'. Ngokothuka umantshingilane wayithi ntshi le ntwazana engaziva nokuba uyibambile. Koko kukhwaza ekhanyelwa uNosingili yena uzingisile eyicenga intombi yakhe ukuba izole.

Ngeli xesha akhanyelwayo yintombi yakhe, yena uNosingili ingqondo yakhe imkile mpela ucinga ukuba ulandeliswe ngezinto ezimdaka ukuze intombi yakhe iphambane yakumbona. Ingqondo yakhe ilele tu kwinto yokuba uNolitha ngoku akafuni kwaziwa ukuba uzalwa lelinjalo ixhegokazi. Oko kukhwaza nokokukhanyela kudale isiphithanyongo kumagumbi okufundela kuba isango elo lalikufuphi kuwo.

Inqununu inxule isekela layo basondela kwesi sithathu. Nabo bafike kuseshushu ukukhanyelana phaya ngasesangweni. Bafike bazama ukuzolisa loo ntshawuto kaNolitha ephokoka izithuko nezenyeliso, ukuze lihlale irhoqololo elinje lize kuphoxisa ngaye phakathi kweetitshala nabanye abantwana. Unina uthe nqumama akubona ezi titshala zifika. Zibuze kumantshingilane okwenzekayo ze wayithi gca yonke ingcombolo okomntu obotshwe emnweni. Zabonakala zinqwala zibonakala zisetyisa le nkcazelo. Ziye zaphethukela kuNosingili zabuza, naye athe wayicombulula indlela asokola ngayo efundisa uNolitha. Wabaxelela ukuba ebezisele loo mbulu inyama yehagu nemali yesepha. Emva kokuhlatyaniselwa ngemibuzo uNolitha, uye wee khanxanxa kodwa emana ukuzidlikidla elikrwaqula kakubi elo xhegokazi, phofu emi kwinto yokuba akalazi.

Inqununu ibize uNomawethu othanda ukuhamba noNolitha ukuza kusombulula esi sishiqi, ze uNomawethu walazi elo xhegokazi njengonina kaNolitha. Zema nematha iititshala. Kuthethe uNosingili engcangcazelisa ilizwi. 'Uthini Nolitha, uthi akundazi, kulungile mntanam akukho nto.' Wahamba wagoduka intliziyo ilijaja ligazi. Wathi akuhamba uNosingili eyinyhididi ziinyembezi, inqununu yayalela uNolitha ukuba abuyise iincwadi zesikolo aphume aphele kuloo masango esinala.

[Sicatshulwe kwincwadi ‘Uzungatsho’ ngokubhalwe nguW.N. Mbovane sahlelwa.]

1.1 Ikwesiphi isithili ilali yakuMponzo? (1)

1.2 Igama umthonyama lichaza...

A Ubulongwe.
B Amalongwe.
C Umgquba omtsha.
D Umgquba omdala nosele uvundile. (1)

1.3 Kuthetha ukuthini xa kusithiwa awunazo iintsiba? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

A Awukwazi kubhabha.
B Uyasokola/utsala nzima.
C Zizakuhluma nakuwe kungekudala.
D Unezinto zonke ozinqwenelayo. (1)

1.4 Igama ukutyhala ngokwalapha kwesi sicatshulwa lichaza:

A Wayemqweqwedisa.
B Wayemqhuba.
C Wayemqhuba emfundisa.
D Wayemdudula. (1)

1.5 Wayephila ngantoni uNosingili? (1)

1.6 Wayefunda kwesiphi isikolo uNolitha? (1)

1.7 Kwakuyintoni injongo kaNosingili yokuxhela ihagu? (2)

1.8 Nika izinto zibe mbini ezaziphethwe nguNosingili xa wayeyokubona intombi yakhe esikolweni. (4)

1.9 Yakha isaci ngeli gama impondo. (2)

1.10 Chaza inkangeleko kaNosingili ngokuya wayesiya esinaleni? (2)

1.11 Wamkelwa ngubani esangweni lesinala uNosingili? (1)

1.12 Yintoni umsebenzi walo mntu omchaze ku 1.11? (1)

1.13 Chonga apha kwisicatshulwa ibinzana okanye isivakalisi esibonisa ukuba uNosingili wayehlupheka. (2)

1.14 Yintoni eyayikhalisa uNolitha? (2)

1.15 Ngawaphi amazwi aphuma emlonyeni kaNolitha ngelixesha akhalayo. (2)

1.16 Zimpahla ezinjani amajikolo? (1)

1.17 Yintoni le eyothusa umantshingilane wade wayithi ntshi le ntombazana? (1)

1.18 Yintoni eyayicingwa nguNosingili ngelixa akhanyelwa yintombi yakhe? (2)

1.19 Ingaba yinyani okanye asiyonyani ukuba uNosingili usakholelwa ekuthakatheni? Cacisa. (2)

1.20 Ucinga ukuba kwakusenzeka ntoni xa kusithiwa olo ukukhwaza nokukhanyela kwadala isiphithanyongo? (2)

1.21 Yintoni ukuthakatha? (1)

1.22 Bhala iintsingiselo zibe mbini zeli gama zisetyisa. Enye yazo ibe yileyo ekwisicatshulwa. (4)

1.23 Chonga apha kwisicatshulwa igama elisinika umfanekiso ngqondweni womntu omdaka, ombi nokhangeleka esokola. (2)

1.24 Ngewenza njani wena ukuba wawunguNosingili ukhanyelwa ngumntwana wakho omsokolelayo? (2)

1.25 Ngoko luvo lwakho ingaba kulungile okanye akulunganga ukukhanyela umzali?Chaza. (2)

1.26 Leliphi ilungelo likaNolitha elanyhashwayo ngokugxothwa kwakhe esikolweni? (2)

1.27 Ngawaphi amanyathelo ayenokuthathwa nguNolitha ngesigqibo senqununu? (2)

1.28 Ingaba uRhulumente uwakhathalele amalungelo abafundi? (2)

1.29 Mfundiso yini oyifumene kweli bali? (2)
[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule usishwankathele:

1. Chonga iingongoma eziphambili ubude bungadluli kuma-70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.
3. Upelo. Iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.
4. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesi-shwankathelo.

INYANISO NGEENDIMA ZESINI

Kule mihla, awusekho umahluko kumantombazana namakhwenkwe.Ezopolitiko ayisezo zamadoda odwa. Amabhinqa aqhuba iiloli ezinkilu neenqwelo-moya. Amadoda ongayo aqhelekile ezibhedlela, kugcwele amadoda kwezeefashoni. Amadoda awasenazo iintloni zokuphekela usapho isopholo, nokucoca okanye aye kuhoya umntwana ogulayo. Amantombazana adlala isoka kwaye amakhwenkwe adlala ibhola yomnyazi (netball). Kwihlabathi, amabhinqa akulawulo lwamazwe nolweenkampani ezinkulu.

Amaxesha atshintshile, ngokunjalo neendima zesini. Indlela elula yokwazi ukuba usana luyintoni ngumbala eliwunxibileyo. Xa lukhala usana, izinto zokudlala oluthengela zona zihamba nalo ngqondo ayicingelayo umzali. Amantombazana anxiba iilokhwe ezintle ngelixesha amakhwenkwe kufuneka aqine angakhali xa esiwa. Yindlela izinto eziqhele ukwenziwa ngayo ekuhlaleni. Abantwana abaneminyaka emi-3 babonakalisa iimpawu zemikhuba yezini.
'Imikhuba yesini ebantwaneni iphuhliseka' ngokulinganisa imikhwa yabanye abantu.Kucacile ke ukuba njengabazali, sinoxanduva lokufaka iindima zesini ebantwaneni bethu. Ngokukhuthaza iinkolelo, bukhona ubungozi bokudala umntwana okhuliswa zizimvo neembono zabantu, endaweni yokuba nezakhe izimvo neembono.

Umntwana angakholelwa kulo mkhwa abunjelwa kuwo, kodwa awenze ngelifuna ukwamkeleka kwabanye. Umzekelo amntombazane awekho mahle kakhulu kwizibalo nenzululwazi kunamakhwenkwe. Ukuba le nkolelo iyaziwa lusapho, ngoko intombazana ingakukholelwa oku ize ingazami ngamandla kwezi zifundo kuba yamkele ngokukhawuleza ukuba ayisokuze igqwese njengobhuti wayo. Kumele ukwahluka komntwana kuzivelele, kuba umntwana uyakhululeka kwinto azikhethele yona.

Abazali kumele bayiqonde indlela imikhwa okanye iinkolelo ngesini ezonzakalisa ngayo. Yiba nenjongo yokudiliza iindonga phakathi kwamantombazana namakhwenkwe ngezinto zokudlala nozenza nabo, uze uvumele abantwana ukuba bakekelele ngakwizinto abathanda ukuzenza. Ngamanye amazwi, masimvumele ukuba akhululeke esenza ezinye izinto ezingezozamakhwenkwe, ungamenzeli iintloni. Ngoko ingaba ukuphepha iindima zobuni kulungile. Ingaba umkhwa wabo bawenza kuba befuna 'ukwamkeleka' Kukwabalulekile ukwamkela izinto abanye abantu abazikhethela zona. Kodwa ke 'ukutyeshela' ingcinga kukwabonakala kunemosharha xa kuquka 'ukwenza nje into eyahlukileyo' kodwa ube ungenayo injongo yokwenza oko.

Iindima ezahlukileyo zesini kubangela abantwana bayinanze injongo yokwenza into. Ukutyeshela iinkolelo kuza kunceda umtwana akwazi ukuzikhethela ukuba ukholelwa enini nokuba uziva okanye uzibone njani izinto, endaweni yokuba enze loo nto yenziwa ngabanye. Kukwanceda umntwana ukuba aphuhlise indlela acinga ngayo ngaye nangabanye, endaweni yokwamkela okuthethwa ngabanye.

[Sicatshulwe kwiBona yange 15 Julayi 2015 iphepha 44–45] **[20]**

AMANQAKU ECANDELO B: 20

ICANDELO C: OKUBONWAYO

UMBUZO 3

Qwalasela lo mfanekiso ulandelayo uze uphendule imibuzo.

ILISO ISIKOLO SABANGABONIYO

BUYISA AMEHLW' ENYAMA!!!

Unomntwana onengxaki yokubona? Xhabasha amanani aqingqiwe.

Lixesha lokwenza izicelo



Sinabo bonke ubuxhaka-xhaka bala maxesha nezakhono ezahlukeneyo.
Indawo yokuhlala? Intlawulo? Ukhuseleko?
Qhagamshelana nathi kule nombolo : 123–4507890/www.ilisoliyabona.com

[Uthatyathwe kwiIntanethi wahlelwa.]

3.1 Sithini isilogani sesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.2 Kutheni amagama Iliso Isikolo Sabangaboniyo ebhalwe ngendlela engaqhelekanga. (1)

3.3 Leliphi ibinzana elisetyenziselwe ukujija iingqondo zabantu kwesi sibhengezo–ntengiso? (1)

3.4 Xela ukuba xa ufuna ukuqhagamshelana nabo wenza njani? (1)

3.5 Yinyani okanye asiyonyani? Esi sibhengezo sijoliswe kubantwana abangamakhwenkwe odwa. Xhasa impendulo yakho (2)

3.6 Zeziphi izinto ezimbini ozithenjiswayo kwesi sibhengezo-ntengiso (2)

3.7 Ukuba ubunomntwana oyinkwenkwe ubungamsa na kwesi sikolo? (2)

3.8 Kuthetha ukuthini oku.

'Xhabasha amanani aqingqiwe' (1)

3.9 Xa kuthethwa ngobuxhaka –xhaka bala maxesha kuthethwa ukuba kukho ntoni? (1)

3.10 Bhala enye intsingiselo ngeli gama iliso eyahlukileyo kule kuthethwa ngayo (2)

3.11 Ulindele ukhuseleko olunjani kwisikolo esinje? (1)

3.12 Xa usijongile esi sikolo ungathi intlawulo ibiza kakhulu okanye kufundwa simahla? (2)

3.13 Izicelo zenziwa nini xa umfundi kufuneka afumane isikolo sokufunda Kunyaka olandelayo? (2)

3.14 Ngaba kubalulekile na ukuba abantwana abangaboniyo bafunde (2)

Xhasa impendulo yakho **[20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 20

ICANDELO D: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 4

Qwalasela le khathuni uze uphendule imibuzo.



[Uthatyathwe kwiIntanethi wahlelwa.]

4.1 Nika umsebenzi onikwa abafundi ngutitshalakazi kule khathuni ? (1)

4.2 Xela iindlela eziNTATHU zonxibelelwano zala maxesha ezikhankanywe kule khathuni. (3)

4.3 Ingcingane ekwiqam lesi-3 iveza ntoni ngesimo somfundi? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.4 Isimnini 'zasebusika' siphuhlisa ntoni ? Khetha impendulo kwezi zingezantsi

A Zezikabani.
B Zezaphi.
C Zezantoni.
D Zezanini. (1)

4.5 Sakhiwe kwesiphi isigaba sentetho isibizo ukusebenza? (1)

4.6 Uthetha ukuthini umfundi xa esithi akusilandeli kwiqam lesi-2? (2)

4.7 Nika iindlela zibe mbini nganye zokulunga nokungalungi kweendleela zonxibelelwano zala maxesha? (4)

4.8 Ithetha ukuthini intetho katitshalakazi kwiqam le-4? Chaza. (2)

4.9 Yintoni unxibelelwano? (1)

4.10 Nika iindlela zibe ntathu ababenxibelelana ngazo abantu kudala. (2)

4.11 Uthanda oluphi uhlobo lonxibelelwano wena. Xela isizathu soko. (2)

4.12 Kutheni le nto abafundi kufuneka bebhale isincoko? (1)
[20]

AMANQAKU ECANDELO D: 20

ICANDELO E: ULWIMI OLUSETYENZISWA KUXIBELELWANO

UMBUZO 5

Funda esi sicatshulwa singezantsi. Sineempazamo ezithile ezenziwe ngenjongo, uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

AMAZWI ENKUTHAZO

Zimbini kuphela iintsuku ezingayi kuphinda zindihluphe ebomini bam. Usuku lokuqala lokwaziwa nempazamo, izoyikiso, iintsizi, imiqobo neenkuthazo zalo. Olwayizolo lona usuku ludlule umphelo ndingenalo nolawulo lwalo. Nalo olu suku lunezalo izabatha, izoyikiso iingozi neemfihlelo. Ingomso lona andinasabelo kulo kuba lusuku olungekafiki.

Ngoncedo loMdali imizamo yam ndiyicebela usuku ngalunye uNamhlanje onke amandla am ndiwasebenzisela lona. Ndingaba ndizifaka kuxinzelelo nasebunzimeni obungummangaliso xa ndizikhathaza ngosuku oludlulileyo nolungekafiki. UNotshe! andiphinde kwakho ndizikhathaze ngezinye iintsuku. Olu lusuku lwam. Lulo qwaba usuku lwam. Namhlanje ndizakuphila ngathi lusuku lwam lokugqibela emhlabeni.

Ndizimisele ukuphila ndiphathe kakuhle wonke umntu endihlangana naye, ngendlela nam endifuna ukuphathwa ngayo. Ulwimi lwam ndifuna ukuba nolawulo kulo, ndibe ngcathu ekuthetheni ndizame nokulawula iimvakalelo zam. Ndikwazimisele ukwabelana noluntu ngobushushu bothando, ndibulise ngoncumo nothando bonke endihlangana nabo endleleni yam. Ukuvelana nokukhathalela abahluphekileyo nabahlelelekileyo sisabelo endizikhethele sona. Ubomi bufutshane kwaye buzele ziingozi, yiyo loo nto ndinxanelwe ukwenza ubuNtu. IsiXhosa sithi abantu bayancedana, intake yakha ngoboya benye.

[Sicatshulwe kuvimba wabevi, iphepha 7.]

5.1 Igama iintsuku'likwi... Khetha igama elichanekileyo kwizibiyeli. (sinye/sininzi) (1)

5.2 Chaza uhlobo lwesenzi esibhalwe ngqindilili nodidi lwaso kwesi sivakalisi singezantsi:

Ngoncedo loMdali imizamo yam ndiyicebela usuku ngalunye. (2)

5.3 Xela isigaba sentetho esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi:

Ndizimisele ukuphila ndiphathe kakuhle kakhulu wonke umntu. (1)

5.4 Ludidi luni lwesibanjalo u-'bufutshane' kwisivakalisi esingezantsi? (1)

5.5 Kwesi sivakalisi xela isakhi esikrwelelwe umgca kwigama 'bufutshane': Ubomi bufutshane. (2)

5.6 Lungisa iziphene kwesi sivakalisi silandelayo:

Unotshe! ndiphindi kwakhona ndizikathaze ngezinye intuku. (3)

5.7 Chonga isimelabizo soqobo esikumhlathi woku-1. (2)

5.8 Kutheni esi sibizo sikrwelelwe umgca ngaphantsi singena ceba?

Nalo olu <u>suku</u> lunezalo izabatha'. (2)

5.9 Isibizo 'iingozi' sikwihlelo lesingaphi? (1)

5.10 Hlahlela ezi zibizo zilandelayo ukhuphe izakhi zezi zibizo zingezantsi:

ISIBIZO	ICEBA	ISISEKELO	INGCAMBU	ISIGQIBELO
Ulwimi				
IsiXhosa				
Umntu				

(12 × 1) (12)

5.11 Kumhlathi wesi-2 igama 'oludlulileyo' likweliphi ixesha lesenzi. (1)

5.12 Kwesi sivakalisi 'unamhlanje' loluphi udidi lwesihlomelo (1)

5.13 Dibanisa ezi zivakalisi ngesihlanganisi esikwizibiyeli:

'Ubomi bufutshane.Ubomi buzele ziingozi.(kwaye) (1)

5.14 Khetha isifanekisozwi esichanekileyo kwezi zilandelayo (chu, qwaba,

Bhaxa) gcwalisa esi sivakalisi ngaso: Lulo .....usuku lwam. (1)

5.15 Nika intsingiselo yesi saci:Intaka yakha ngoboya benye. (1)

5.16 Yakha enye intsingiselo eyohlukileyo kunale isetyenziswe kwesi sicatshulwa

Ngegama 'ubomi (2)

5.17 Loluphi udidi lwesichazi olu setyenziswe kwesi sivakalisi : Ulwimi lwam

Ndifuna ukuba nolawulo kulo (1)

[35]

UMBUZO 6

Funda esi sicatshulwa singezantsi,uze uphendule imibuzo elandelayo:

UKUBALULEKA KOKUZIQEQESHA

Esona sakhono sibalulekileyo ekufuneka wonke umntu enaso kukwazi ukuziqeqesha. Esi sakhono sifumaneka nkalo zonke zobomi. Ligcuntswana labantu eliqinisayo kuso nangona luwazi amandla aso. Ukuziqeqesha akubhekiselelanga ekubeni lukhuni nasekuzenzeni ikheswa koko kukwangeza isuntswana lokuba nokuzilawula, ukusebenzisa ingqondo, ukwazi ukunyamezela indlela ophila ngayo, nokuba namandlakazi angaphakathi. Uyakwazi ukubulawula ubomi bakho xa unezi zinto.

Ukuziqeqesha kukunceda ukwazi ukunamathela kwizigqibo zakho, uzilandele ungatshintshanga ngqondo, le yenye yeendlela zokufezekisa amaphupha akho. Uyakwazi ukwenza izigqibo ungajiki, unamathelise ingqondo, iingcingane nezenzo zakho kweso sigqibo ukuze usiphumeze xa unesi sakhono. Ubonakala njengomntu owomeleleyo ngaphakathi xa ukwazi ukumelana nemiceli- mingeni efana nokoyisa, ukubekela izinto amangomso nokonqena. Uzingisa ungajiki.

Okona kubalulekileyo ngesi sakhono kukukwazi ukuzeyisa. Uyahlukana nokufuna ulonwabo lomzuzwana, uziphosanise nenzuzo emandla. Imigibe nezabatha zibekwa endleleni yempumelelo. Umntu ofuna ukumelana nazo kufuneka abe nokunyameka nokunyamezela, akanakuyenza loo nto engakwazi ukuziqeqesha. Ubani xa ekwazi ukuziqeqesha uba namandla nokuzithemba, loo nto idale ukuba ube ngumntu owonwabileyo nowanelisekayo.

6.1 Igama 'ligcutswana' lisesiphi isigaba sentetho? Khetha impendulo echanekileyo ngezantsi:

A Sisenzi.
B Sisinciphiso.
C Sisibayiyo.
D Sisimelabizo. (1)

6.2 Nika isigaba sentetho segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi:

Esi sakhono sifuneka nkalo zonke zobomi (2)

6.3 Guqula esi sivakalisi sibe kwimo evumayo:

Ukuziqeqesha akubhekiselelanga ekubeni lukhuni. (2)

6.4 Lungisa iziphene zobhalo ezikwesi sivakalisi singezantsi:

Loonto idale ukuba ube ngumntu owonwabileyo nowanlasekyo. (1)

6.5 Bhala le ntetho ilandelayo sibe kwintetho ngqo.

Umbhali uthe kumfundi xa enesi sakhono uyakwazi ukwenza izigqibo angajiki. (2)

6.6 Chaza udidi lwesimelabizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi:

Esi sakhono sifuneka nkalo zonke zobomi. (2)

6.7 Caphula amagama abe MABINI azizithethantonye kumhlathi wesi-3. (2)

6.8 Sebenzisa isiqu sesibizo esi ngu-'ntu' kwizivakalisi ezibini ubonise ukuba Isimaphambili siyakwazi ukuyitshintsha intsingiselo (2)

6.9 Ggibezela eli qhalo lilandelayo:

Umzingisi ... (1)

6.10 Dibanisa ezi zivakalisi zimbini ngesihlanganisi esikwizibiyeli:

Uyakwazi ukubulawula ubomi bakho. Ubulawula unezi zinto.(xa) (2)

6.11 Hlahlela ezi zibizo zilandelayo ukhuphe izakhi zezi zibizo zingezantsi:

ISIBIZO	ICEBA	ISISEKELO	INGCAMBU	ISIGQIBELO
Ingqondo				
Umntu				
Amaphupha				

(12 × 1) (12)

6.12 Xa umntu enamandla kakhulu udla ngokufaniswa nesiphi isilwanyana? (2)

6.13 Bhala isibizo 'umntu'kwisininzi: (1)

6.14 Isibizo 'umntu' sikweliphi ihlelo lesibizo? (1)

6.15 Igama 'namandlakazi' isimamva esikrwelelwe umgca ngaphantsi siphuhlisa ntoni? (1)

6.16 Chonga isibizo esimbaxa esikumhlathi wesi-2. (1)

6.17 Bhala isimelabizo soqobo sokugxininisa esi kwesi sivakalisi silandelayo:

Okona kubalulekileyo ngesi sakhono kukwazi ukuzeyisa (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO E: 70
AMANQAKU EWONKE: 180